

UGoggles usisindisile

Ibhalwe nguliz Sparg | Imizobo nguMegan Vermaak



Ngobunye ubusuku uJay wavuka waza wabona ukukhanya okuqaqambileyo esibhakabhakeni. Kwakukho into eyayibhabha ngesantya esikhulu isiza ngasefestileni.

Ngokukhawuleza, yema. Lwavuleka ucango, kwaphuma isidalwa esingaqhelekanga.

“Grwa! Molo, igama lam ndinguGoggles. Grwa,” satsho esi sidalwa.

UJay wavele wandwanya.

“Grwa! Uyandiva? Uyakwazi ukuthetha? Grwa!” wabuza uGoggles.

UJay wazama ukuthetha kodwa akwaphuma lizwi.


“Grwa! Ungandixelela ukuba – grwa! – zintoni ezi?”
uGoggles waphakamisa ingxowa yeplastiki, ibhotile
yeplastiki kunye netoti engenanto. “Ziyakhula kuwo
wonke umhlaba lo. Zikhona emhlabeni, emilanjani
kwaye ziyandanda naselwandle. Ingaba ziyatywa?”

Esi sidalwa sazama ukuluma ibhotile.

“Hayi, musa ukuyitya loo nto! Yiplastiki!” Ilizwi
likaJay lalivakala licacile kwakhona. “Abantu balahla
inkunkuma yabo ezitalatweni, ize ibhabhele emilanjani
iyokutsho elwandle. Ngamanye amaxesha iintlanzi
namafudo aselwandle zicinga ukuba kukutya, zize
zizitye zife. Iiplastiki neeglasi neetoti zihlala ixesha elide
ngoko ke umhlaba nemilambo nakwiibhitshi kugcwele
inkunkuma nje.”

UGoggles wabonakala elusizi.

“Kunganjani ... grwa! ...
kunganjani ukuba ndingavele
ndiyitshise ngemitha yonke le
nkunkuma iye esibhakabhakeni?
Ndiza kwenza iplanethi entsha
endiza kuhlala kuyo noMhlaba
nawo uza kuceceka kwakhona
neentlanzi nazo azizukutya
plastiki. Grwa! Ingaba eli
ingalicebo elihle?”



“Ngokuqinisekileyo,” watsho uJay.

UGoggles watsiba waphindela kwisiphekepheke.

“Grwa! Ukuba uyandidinga, uze ukhwaze igama
lam kube kathathu,” uGoggles wakhwaza njengoko
isiphekepheke sasihamba simka.

UJay wasibukela isiphekepheke sisonyuka ngokonyuka.
Sasitshisa ngemitha yonke inkunkuma esezitalatweni,
emilanjani, kwiibhitshi naselwandle.

Ngosuku olulandelayo, wonke umntu wavukela
kuMhlaba omtsha oqaqambileyo nokhazimlayo.
Kwakungekho nkunkuma naphi na. Amanzi acocekileyo,
izitalato ezicocekileyo, into yonke icocekile.

Wonke umntu wayewuthanda uMhlaba oCocekileyo.

Kodwa akukho namnye owayitshintshayo indlela aphila ngayo. Baqhubeka belahla inkunkuma yabo ezitalatweni. Ngexesha nje elifutshane, izitalatalo nemilambo kunye neebhitshi zakhangeleka zimdaka njengakuqala.

UJay wathatha isigqibo sokuba abize uGoggles azokunceda. “Goggles, Goggles, Goggles! UMhlaba usengxakini kwakhona!”

GQI! Savela isiphekepheke.

“Grwa! Kweli ityeli ndiza kulinga uthuli lwam lokuphuphisa,” uGoggles waxelela uJay. “Bonke abantu eMhlabeni baza kuphupha bechola inkunkuma, grwa! Kwaye betyala imithi, grwa! Besebenzisa izinto

ngokutsha, grwa! Kwaye besenza zonke izinto ezinceda ukugcina uMhlaba umhle. Baya kuvuya kakhulu emaphupheni abo kangangokuba baya kuvuka befuna ukuqhubeka besenza ezo zinto. Grwa.” Yaye kwenzeka kanye loo nto.

UGoggles wathumela uthuli olugolide lwamaphupha lwandanda kwaye lwabhabha phezu komhlaba wonke. Ngobusuku, izigidi ngezigidi zabantu zaphupha zisenza izinto ukukhathalela amahlathi namasimi neentaba, nemilambo neebhitshi kwanamalwandle. Baziva bonwabile kwaye beseluxolweni emaphupheni abo. Yaye xa babevuka, bahamba bayokwenza kanye le nto babephupha ngayo. Bawenza wamhle kwakhona uMhlaba.



UGoggles usisindisile

Ibhalwe nguLiz Sparg • Imizobo nguMegan Vermaak

Izimvo eninokuthetha ngazo

Yenza ntoni inkunkuma kwindalo yethu? Yintoni ongayenza ukulondoloza okusingqongileyo kwakho?




Umfanekiso

Zoba umfanekiso ukubonisa ukuba ucinga ngokuba belunjani uthuli lwasemaphupheni olugolide ngexa belubhabha emhlabeni wonke.



Ukufunda

Wufunde kwakhona umhlathi apho uJay acacisa indlela efika ngayo inkunkuma kwimilambo nakumalwandle ethu, kunye nakwiibitshi zethu. Zenzele owakho umzobo ukubonisa ukuba kwenzeka kanjani oku. Zoba imifanekiso emincinci, efakwe iileyibhile kunye neentolo phakathi kwemifanekiso.



Ukubhala

Bhala inqaku lephephandaba elimalunga neendlela ezahlukeneyo ezo ii-Goggles zincede ngazo ukwenza ukuba libe lihle kwakhona iHlabathi. Ungalibali ukulinika isihloko esimnandi inqaku! Zoba umfanekiso ohamba nalo.



Ubuchule

Yisebenzise kwakhona imathiriyeli efana neetoti, iibhotile zeplastiki nebhokisi zamakhadibhodi eziqhele ukulahlwa. Zihombise usebenzisa iphepha, iglitha, ipeyinti kunye/okanye iikhrayoni kwaye uzenze izinto ezo wena namalungu osapho lwakho ninokuzisebenzisa, njengeziqulathi zeepensile, iivazi neekhonteyina zokugcina. Yenza iposta enoluvo olunye okanye ezimbini ezinokusetyenziswa ekubeni sikugcina njani okusingqongileyo.

